



environment & tourism

Department:
Environmental Affairs and Tourism
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**UMTHETHO KULAWULO LWEENTINI ZOLWANDLE OKANYE
IZINJA ZOLWANDLE, IINTAKA ZOLWANDLE KUNYE
NEENTAKA ZONXWEME: 2007**

ISICWANGCISO SEZIQLATHO

1.	lingcaciso - magama	3
2.	Intshayelelo	4
3.	Injongo yalo-mthetho	5
4.	Amanqaku emakaphunyezwe ngulo mthetho	5
4.1	Ulawulo lokulondolozwa kweeNtini, iiNtaka zolwandle kunye neeNtaka zonxweme	5
4.1.1	Ukubanjiswa ngenxa yokungakhathali kwaba-Lobi	6
4.1.2	Ilahleko ngenxa yokwaziswa kuba- phangi	7
4.1.3	Ukubulawa kweeNtini kunye neeNtaka zolwandle	7
4.1.4	Ukuzisebenzisela amaqanda	7
4.1.5	Ukutya okungonelanga	8
4.1.6	Ukususwa kweeNtaka zolwandle kwiZiza zokuZalela	8
4.1.7	Ukutshatyalaliswa kweendawo ezizalela kuzo	9
4.1.8	Ukuphazanyiswa ngabantu	9
4.1.9	Ukuchithwa kwezindlu zeentaka	9
4.1.10	Ungcoliseko olwenziwa yi-oli	10
4.1.11	Ezinye iiNdlela zoNgcoliseko	11
4.2	Intsebenziswano kulawulo	11
4.2.1	Ubambiswano kulawulo lweeNtini kunye nama-Butho eeNtaka zolwandle zaseMzantsi Afrika, kuquka nezikwiziQithi	11
4.2.2	Ulawulo lweSithili seeNtini kunye neeNtaka zolwandle	12
4.3	Ukongela ixa elizayo nokungasebenzeli ukunqunqelq egoqweni	12
4.3.1	UKhenketho lwezendalo kunye nokudaleka kwemisebenzi	12
4.3.2	Ukusebenzela ukunqunqela egoqweni nophela sonwabe	12
4.4	Umyinge wenani elibanjiweyo	13
4.5	Ukondliwa kweeNtini zaseNdle	14
4.6	Ukuzibandakanya koLuntu jikelele	14
4.7	Uphando kunye nokugada ulwaphulo-mthetho	14
4.8	Ulawulo lweeNtsebenziswano ezingaLunganga	14
4.9	Izivumelwano za Mazwe nga- zamazwe	15
4.9.1	Ushishino lwaMazwe nga-mazwe	16
4.10	Ukubunjwa kweNgxowa Mali	17
Isihlomelo A: Ubume bolondolozo lwendalo kunye nomyinge wenani leeNtaka zolwandle		18
Isihlomelo B: lintini zolwandle eZifuna uKhuseleko		22
Isihlomelo C: lintaka zolwandle eziFuna uKhuseleko		23
Isihlomelo D: lintaka zonxweme eziFuna uKhuseleko		28

1. INGCACISO-MAGAMA

“Ummandla woNxweme” – “ummandla wonxweme” uthetha indawo equka: okulilungelo loluntu konxweme, imimmandla yokhuseleko lonxweme, umhlaba wokungenela unxweme,,iindawo ezikhuselweyo zonxweme, unxweme olungena elwandle, amanzi onxweme, ummandla wezoqoqosho olukhethekileyo nobandakanya nayiphi na imto yemvelo e phezulu, ephakathi, nengaphantsi kunye nangentla kwezi ndawo;

“Ezisebungozini-bokutshabalala” – ngoko Mbutho wo Manyano lweZendalo we-Zizwe nge-Zizwe i-World Conservation Union (IUCN) isidalwa (taxon) “sisengobungozini” xa kucingeleka ukuba sijongene nengozi enkulu yokutshabalala siphela nya endle ;

“Ummandla woQoqosho olukhethekileyo (EEZ)” – “ummandla woqoqosho olukhethekileyo” uthetha indawo yoqoqosho olukhethekileyo njengokuba kucaciswa kwicandelo 7 loMthetho ka-1994 wemiMmandla yoLwandle, (Umthetho No. 15 ka-1994);

“Okuxhalabisa kancinane” – ngokombutho wo-Manyano lwezendalo we-Zizwe nge Zizwe i-World Conservation Union (IUCN) itakson isidalwa (taxon) “sesixhalabisa kancinane” xa sithe savavanywa ngokomgaqo wovavanyo saze sathi ke safunyaniswan sise mngciphekweni wobungozi bokutshabalala,esichengeni okanye sikufuphi ekutshabalaleni. Izidalwa (taxa) ezifumaneka kwiliZwe lonke kwaye eziqhame zada zanda nazo zi yabandakanywa kolu luhlu.

“Kufuphi nentshabalalo” – ngokombutho wo Manyano lwendalo we-Zizwe nge Zizwe i-World Conservation Union (IUCN) isidalwa (taxon) “sikufuphi nentshabalalo” xa singafunyaniswa sise mngciphekweni wobungozi bokutshabalala, ebungozini bokutshabalala okanye singekho esichengeni okwangoku, kodwa sikufuphi nokufikelela kwelinqanaba likuluhlu lokutshabalala kwixeshana nje elikufuphi.ngaphandle kokumiselwa kwemiqathango yolondolozo lwendalo.oluqhubekekayo. ;

“Ezisesichengeni” Uphando kunye nokugada ulwaphulo-mthetho– ngokombutho wo Manyano lwe zendalo we- Zizwe nge Zizwe i-World Conservation (IUCN) isidalwa (taxon) “sisesichengeni” xa kucingeleka ukuba sijongene nengozi enkulu yokutshabalala siphela nya endle..

2. INTSHAYELELO

Lo mthetho wokuLawulwa kweeNtini zaselwandle, iiNtaka zolwandle kunye neeNtaka zonxweme ikhutshwa nguMphathiswa weMicimbi yezeMvelo kunye nezoKhenketho. "NguMphathiswa" Injongo yalo mthetho kukuqalisa iingcamango eziza kusebenza kulawulo lweeNtini, iiNtaka zolwandle kunye neeNtaka zonxweme nguMphathiswa negunya elithunyelwayo livela kwiSebe leMicimbi yezeMvelo kunye nezoKhenketho: Isebe elilawula okwase-Manzini kunye noNxweme ("iSebe").

Iintaka zolwandle kunye neentini zoMzantsi Afrika kushukuxwa zona okwangoku ngokwemigaqo yoMthetho woKhuseleko lweeNtaka zolwandle kunye neeNtini, ka-1973 (uMthetho No. 46 ka-1973) (SBSPA), ngokunjalo ngokungathanga ngqo zezinye izixhobo zowiso mithetho ezinjenge, umzekelo, imithetho yePhondo (Umzekelo: Umthetho wamaphondo woLondolozo lweNdalo 19 ka-1974 eKapa). Ngaphezu kweminyaka engamashumi amathathu (30) egqithileyo oko uMthetho woKhuseleko lweeNtaka zolwandle neeNtini waziswayo yaye naxa ulungiswe kabini, awukaqiqwa ngokufanelekileyo kwaye kukho imfuneko yokuqwalasela umthetho welizwe (policy) ocacileyo kwiintini kunye neentaka zolwandle (kuquka neentaka zonxweme) eMzantsi Afrika. Yinjongo yeSebe ukuvavanya uviso mthetho oluphathelele kwiintini neentaka zolwandle yaye inyamekele ukuba uvavanyo olunjalo luza kwaziswa yile ngulo mthetho.

Le polisi iza kusebenza kwiintini, iintaka zolwandle kunye neentaka zonxweme ezo zizalela ngaphakathi 'kummandla wonxweme' loMzantsi Afrika, oko kwenzeka ngaphakathi kwindawo yayo ekhethekileyo yoqoqosho (EEZ) okanye 'ummandla wonxweme' kwindlela ephakathi kweyokuzalela kunye nemihlaba engeyiyo eyokuzalela. Imida yalo 'mmandla wonxweme' kucingwa ukuba iza kwandiswa iye kuma phakathi ehlabathini nangaphandle kolwandle njengoko kufuneka ukulondolozwa kunye nokusetyenziswa ngokungenamsebenzi kweentini, iintaka zolwandle kunye neentaka zonxweme yaye kuquka amachweba omlambo, imihlaba yonxweme, iziqithi ezikude nonxweme, iziQithi zePrince Edward, amanzi aphakathi ehlabathini, amanzi onxweme kunye neEEZ.

lintaka zolwandle (*sensu stricto*) zithe rhoqo zithathwa njengezo ntaka ezizuka isabelo sokutya kwazo elwandle (kungaqukwa nommandla ophakathi komsinga). Ukwamkela le ngcaciso, kukho iintlobo ezilishumi elinesihlanu (15) zeentaka zolwandle ezizalela eMzantsi Afrika, kwaye ubuncinane ngamashumi amabini anesibhozo (28) ezizalela kwiziqithi zePrince Edward. Ukongeza, ezinye iintlobo ezingamashumi amathandathu anesibini (62) eentaka zolwandle zityelelelana amanzi aseMzantsi eAfrika. Kwiiintlobo ezilishumi elinesihlanu (15) leentaka zolwandle ezizalela eMzantsi Afrika, ezisixhenxe (7) zisoloko zikho eMzantsi eAfrika. Kwisithoba seentlobo zeentaka zolwandle ezizalela eMzantsi Afrika zidweliswe njengeziPhatheka kakubi okanye eziPhantse ziphatheke kakubi ngokwemigaqo yenqobo yokugweba yoManyano lokuLondolozwa kweLizwe (IUCN), ngexa iintlobo ezilishumi elinesine (14) ezizalela kwiziqithi zePrince Edward njengeziPhatheka kakubi okanye eziPhantse ziphatheke kakubi (Isihlomelo A).

3. Injongo yalo-mthetho

Umzantsi-Afrika uqinisekile okanye ungene ekuzibopheleleni kwizivumelwano zehlabathi eziliqela eziphathelele ekulondolozweni kwe-ntini, iintaka zolwandle kunye neentaka zonxweme kwaye ke ngolu hlobo ke unyanzelekile ukuba uhambisane nemithetho elolu hlobo. Njengoko iintlobo-ntlobo zeentaka zonxweme zichaphazeleka kakubi ngenxa yokulahlekelwa ziindawo zazo zokuhlala kunye neziphazamiso naziphazamiso ezenzeka phakathi kumhlaba weli lo Mzantsi-Afrika, ilizwe linendima engundoqo elifanele liyidlale ntlantlo-mbini kulondolozo kunye kunye nakwii-ntini ezifudukayo, iintaka zolwandle kunye nezonxweme. Lo mthetho unceda ekudweliseni ngokwesiseko amanqwanqwa abalulekileyo kunye neendlela ezinokuthi zikhokele kwaye zalathe ukuthathela uxanduva nokulawulwa okufanelekileyo kwe-ntini, iintaka zolwandle kunye nezonxweme kujongwe ukuxhamla kwezizukulwana zanamhlanje kunye nezizukulwana ezizayo kwilizwe lo Mzantsi-Afrika.

4. AMANQAKU EMKAPHUNYEZWE NGULO-MTHETHO

Amanqaku emakaphunyezwe ngulo-mthetho kukuqhuba nokuqinisekisa:

- Ukulawulwa nokulondolozwa kweentini, iintaka zolwandle kunye neentaka zonxweme
- Intsebenziswano kulawulo;
- Ukongiwa, nokunganqunqeli egoqweni kweentini, iintaka zolwandle kunye neentaka zonxweme;

- Uphando ngezindalo kunye nokugada ulwaphulo-mthetho;
- Ulawulo lweentsebenziswano ezingalunganga;
- Ukusetyenziswa kwe-mithetho elawula ukuzibophelela kwamazwe onke ehlabathi.

4.1. Ulawulo lokulondolozo lweentini, iintaka zolwandle kunye nentaka zonxweme

Lo mthetho ujolise ekulawuleni kolondolozo lwe-Fur Seal yaseKapa, (inja yaselwandle), iintlobo ezingaphelelanga zentini nganye esoloko ikho emazantsi eAfrika, iNja yolwandle yeAntarctic, iNja yolwandle lweSub-Antarctic kunye neNja yolwandle lwasemazantsi iElephant Seal (Isihlomelo B), eziziintlobo ezintathu (3) zeentini ezizalela phezu kweziQithi zePrince Edward, ngokunjalo neentlobo ezilishumi elinesihlanu (15) zeentaka zolwandle ezizalela eMzantsi Afrika, iintlobo ezingamashumi amabini anesibhozo (28) zeentaka zolwandle ezizalela kwiziQithi zePrince Edward (Isihlomelo A kunye no-C), kwaye ngaphezu kweentlobo ezingamashumi amathandathu (30) zeentini kunye neentaka zolwandle ezingazaleli kwimihlaba yoMzantsi Afrika, kodwa zifudukela emanzini oMzantsi Afrika. Ikwajolise ekunikezeni izicwangciso zolawulo kulondolozo lweentlobo ezininzi zeentaka zonxweme (Isihlomelo D) ezizalela ngaphakathi kwimihlaba yoMzantsi Afrika okanye ezityelela amanzi oMzantsi Afrika.

4.1.1. Ukubajiswa ngenxa yoku nga khathali NgabaLobi

Amacebo ezenzo ezijolise ekunciphiseni ukufa kwe-ntini, iintaka zolwandle kunye nezonxweme ngenxa yamaphulo okuloba, afana nawa Mazwe aManyeneyo (United Nation) kunye nombuthi wa Mazwe-nga-Mazwe oManyano lokutya (FAO) necebo lika-Zwelonke lokuthibaza ukubajiswa kweentaka zolwandle ngokungakhathali ngaba Lobi abasebenzisa iinqwelo zokuloba ekuthiwa zineminatha yokuloba ekuthiwa zii-Longline (NPOA-SEA BIRDS) kufanele loo macebo asetyenziswe kwezo meko zinjalo. Ukuloba kusetyenziswa iminatha yokuloba ekuthiwa zii-Gill-nets kwimimandla yokuzalela iintaka zolwandle kuza kuthintelwa. Ingqalelo enzulu iyakuba sekubeni imiqathango yeemvume zokuloba ithintele ukusetyenziswa okanye ukuphathwa kwe-mipu, iimbumbulu kunye nee-bhomu okanye iziqhushumbisi kwii-nqwelo zokuloba. Ukudutyulwa kwe-ntini akukho mthethweni, kwaye ukuba nabanina othe easenqweleni yokuloba ufunyaniswe ezibandakanya kwizenzo ezilolu hlobo ngexesha eselwandle, loo nto iyakukhokela ekurhoxisweni kwe-phepha-mvume elo lokuloba.

4.1.2. Iilahleko Ngenxa yokwaZiswa kuBaphangi

Abaphangi okanye amarhamncwa anje ngeekati zasendle, kunye neekati zasekhaya, izinja zasekhaya kunye nezikrekrethi ziye zaziswa kwiindawo ekuzalela kuzo iintaka zolwandle. Iimpembelelo zoku kwaziswa kwamaramncwa kunye nengozi yokunye ukwaziswa kufanele ukwenziwa kancinane / ukuncitshiswa yaye nempembelelo yezinja zasekhaya ekubambiseni iimbatyisi kumanxweme elizwe ngaphandle kweziqithi lawo aziindawo ezibalulekileyo zokuzalela kufanele ukulawulwa. Kumanxweme elizwe ngaphandle kweziqithi ulawulo lungaquka ukugunyaziswa kokuthintelwa kwezilo-qabane kwimimandla yeziza zokuzalela, ngexa kwiziqithi ulawulo kwiziqithi lungaquka ukushenxiswa kweekati ezibhadulayo nezinja kunye nemfuneko yeenqanawa zokuloba ezihambela iziqithi ukusebenzisa abakhuseli bamabuzi kwiinqanawa ukuthomalalisa ikroba lezikrekrethi ukuya eziqithini.

4.1.3. Ukubulawa kweentini, iintaka zolwandle kunye neentaka zonxweme

Ukubulawa kweentini, iintaka zolwandle neentaka zonxweme ukwenza ingeniso kuyathintelwa. Ukubulawa kweentini, iintaka zolwandle kunye neentaka zonxweme nokuqokelelwa okanye ukutshatyaliswa kwamaqanda azo kunye neendlwane kuthintelwe, ngaphandle kwalapho oku kufanelekileyo ukulawula ulondolozo (umz. lintini zingabulawa xa ziphila kukutya iintaka zolwandle eziphatheke kakubi), okanye ngenxa yenzululwazi, ukhuseleko (umz. Ukunqanda uqhushululu lweentaka kwiinqwelo- moya), iintsebenziswano kunye nempucuko yeenqanawa zorhwebo elwandle (umz. lintini ezitya iintlanzi, ngokuzithimba okanye kwiifama zorhwebo lweentlanzi), impilo okanye izizathu zobuntu. Konke ukubulala, ngaphandle koko kwezizathu zobuntu, kumele ukulawulwa ngemvume. Konke ukubulala, kumele ukwenziwa ngokobuntu. Iirekhodi ezichanekileyo zifanele ukugcinwa ngokwamanani eentini kunye neentaka zolwandle ezibulawayo namaqanda aqokelelweyo okanye atshatyalalisiweyo.

4.1.4. Ukuzisebenzisela amaqanda

Ukusetyenziswa kweentaka zolwandle eMzantsi Afrika mandulo kubandakanya ukuzisebenzisela amanani amakhulu amaqanda eentaka zolwandle. Le polisi ivalela / inqanda ukuzisebenzisela okunjalo kweentlobo ezinokuphatheka kakubi neziphantse ziphatheke kakubi (Isihlomelo B)

okanye xa uphazamiseko kwiintlobo ezinokuphatheka kakubi neziphantse ziphatheke kakubi ziza kulandela.Ukuqokelelwa kwamaqanda aphilileyo ukwenza ingeniso kuthintelwe.

4.1.5. Ukunqongophala kokutya

Ukunqongophala kwesibonelelo sokutya kungabangela ukuhla kwempumelelo ekuzaleni kwee-ntini neentaka zolwandle, okanye kubangele ukuba iintaka zolwandle zingaqanduseli okanye zinqumame ekuzaleni. Iintini kunye nezinye iintaka zolwandle zithi futhi-futhi zikhuphisane nabalobi baselwandle ngokutya.Kubalulekile ukuba iingcamango zolawulo lwa-Balobi base lwandle zithathele ingqalelo ukufumaneka kokutya okwaneleyo kwee-ntini kunye neentaka zolwandle, nto leyo ethetha ukuba kwezinye zezidalwa zolwandle koba yimfuneko ukubonelela ngokuthi kusindiswe ukutya okwaneleyo kuba Lobi base lwandle.Oku kutsho ukuthi ukuthintelwa kwee-ndlela ezithile zokuloba kummandla wee-ntini neentaka zolwandle nakwii-ndawo zokuzalela iintini neentaka zolwandle, okuthi kucuthe umyinge weentlanzi ezithi zifumaneke kwezi ntini neentaka zolwandle,kungathi kuthathelelwe ingqalelo.

4.1.6. Ukususwa kweeNtaka zolwandle kwiZiza zokuZalela

Iintaka zolwandle zisoloko zisuswa kwiziza zokuzalela zizilwanyana ezikhulu ezinje ngeentini. Oku kuye kwagxininiswa kukulungiswa kweziqithi, apho iintaka zolwandle zizalela khona ngokwesithethe, ngenxa yokususwa kwemfumba yomgquba weentaka zolwandle. Umzekelo, kwiindawo ezithile zooNombombiya / iiPhengwini zase-Afrika azinakuphinda zifumbise kube ngumgquba weentaka ukunqanda ukuba iindlwane zazo zigcwaliswe ziintini. Iintaka zolwandle ezincinane ezineendlwane zazo ezisemhlabeni zingathintelwa ngamarhamncwa asendle okanye izilwanyana ezasekhaya ekuzaleni kwiziqithi.ISebe liyasiqonda isidingo sokwenza lula ukugcinwa kwesithuba sokuzalela iintaka zolwandle neentaka zonxweme ezinokuphatheka kakubi kunye neziphantse ziphatheke kakubi. Apho iintini zigabadeleyo kwiindawo zokuzalela iintaka, zingashenxiswa kwiindawo ezinjalo ngenkqubo yophazamiseko lwangabom, okanye zisuswe lulwakhiwo nokumiswa kwezithintelo ezingeyondalo.

4.1.7. Ukutshatyalaliswa kwee-ndawo ezizalela Kuzo

Ukuthotywa kweendawo ezizalela kuzo iintaka zolwandle kunyukele ukusuka kwimisebenzi enje ngokususwa komgquba weentaka, kubangele ukuzalela kweentaka ziphantsi koxinzelelo olubangela ukhukuliseko, ukususwa komthunzi, ukukhethwa kweentaka kwiindawo ezithile ukwenza lula ukuqokelela amaqanda, njl- njl. Ilahleko yamakhaya azo, ingakumbi amachweba omlambo, sisiphumo sorhwebo kunye nophuhliso lwezibuko, ukuchithwa kwenkunkuma, intsalela yezinto ezisusiweyo, iingqokelela yezithiyelo, ukuphuhliswa kwezakhiwo ezikhoyo zeendawo zolonwabo, ukwakhiwa kweendlela, iibhulorho, amazibuko eenqanawa, njl- njl. Iziquithi zifanele ukukhuselwa kwimigodi yezimbiwa ekufutshane kakhulu kwiindawo zokuzalela okanye kwiindawo zokuthutha. Ukugcinwa kwamakhaya afanelekileyo, ingakumbi aweentlobo ezinokuphatheka kakubi neziphantse ziphatheke kakubi, kubalulekile kwaye nabaphuhlisi bamele ukubuyisela okanye badale iindawo zokuzalela ukubuyisela loo lahleko kuphando olunxulumene nokwenziwa kwengxowa- mali.

4.1.8. Ukuphazanyiswa Ngabantu

Ukuncitshiswa kokulungiswa kophazamiseko lweentini, iintaka zolwandle kunye neentaka zonxweme kuyimfuneko yaye naluphi na uphazamiseko, ingakumbi olwezilwanyana ezizalayo, luya kuxhomekeka ekukhutshweni kwemvume. Imimandla efanelekileyo inyiniwe iza kwaziswa kwiindawo zeziqithi ezizalela kuzo kunye namabutho elizwe lonke, kodwa amalungiselelo aza kwenziwa ukugcinakala kwezokhenketho. Iingcamango zimele ukunikezelwa kananjalo ekunyinweni kokukhawuleziswa ngeenqanawa zolonwabo ezikufuphi kumabutho okuzalela. Umjikelo weenqanawa zokhenketho okanye iinqwelo ziya kuxhomekeka kwiimeko zemvume kunye nemithetho ecwangcisiweyo yokuziphatha.

4.1.9. Ukuchithwa kwezindlu zeentaka

Ezinye iintlobo zeentaka zolwandle, umz. Uhlobo oluthile lweNgaba-ngaba (Hartlaub's Gull), zifunde ukwakhela iindlwane zazo kumaphahla ezakhiwo okanye ukwakha iindlwane kwipropati yabucala, okuthi rhoqo kubangele umonakalo kwizakhiwo (umz.ukuvingca imijelo) okanye umsindo kubahlali (umz. ngenxa yengxolo). Ukuthityazwa kolwakhiwo lweendlwane ezinjalo kufanele

ukulawulwa ngenkathalo apho kufanelekileyo, umzekelo, ubiyelo olukhethekileyo, kwaye/ okanye ukulungiselelwa kweziza ezizezinye ezikhuselekileyo zokuzalela nalapho kufunekayo, ukuvumela ukushenxiswa kweendlwane kunye nokubanjiswa kokukhuliswa kwamaqanda onakeleyo namantshontsho. Nokuba, ukushenxiswa kweendlwane okunjalo kufuna imvume ebhalwe phantsi liSebe yaye ayizukuqwalaselwa ukuba ngaba iza konakalisa iwonga lolondolozo lweentlobo ezikhathalelweyo. Nakuphi na ukuthityazwa (kuquka ukukhuliswa kwamaqanda okungeyondalo kunye namantshontsho) kuza kuba kuyindleko yomhlaba okanye umnini propati ozikhathazayo.

4.1.10. Ungcoliseko yi-Oli

ISebe liyayiqonda imfuneko yokulawulwa kwentini, iintaka zolwandle kunye neentaka zonxweme ezingcoliswe yi-oli (okanye eziziinkedama ngenxa yokuba abazali bazo bangcoliswe yi-oli okanye basusiwe ukunqanda ukuba bangangcoliswa yi-oli), ingakumbi ooNombombiya baseAfrika kunye neMikholonjane ezibonakalisileyo ngakumbi ukuba iyathabatheka kukuchitheka kwe-oli, kodwa kwanezo ntlobo zinqabileyo okanye zinokuphatheka kakubi ezinje ngoGwidi. Kule meko amalinge esehlo esinokwenzeka, uthungelwano ne/ okanye amancedo okubuyiselwa kwemeko yokuhlangula kwakunye nokubuyiselwa okulandelayo kwemeko yeentaka ezingcoliswe yi-oli okanye eziziinkedama kumele ukuphuhliswa. Ukuze kuthintelwe ukwanda kokwenza lula ukubuyiselwa kwimeko, kunye neendleko ezihambelana nokusetyenziswa kwazo, amancedo awodwa okubuyiselwa kwemeko kumele zichongwe ukuthatha ubunkokheli kwinkathalo kunye nokubuyiselwa kwemeko yeentaka zolwandle. Nasiphi na isibopho seentaka siyamkelwa kumancedo ekubuyiselweni kwemeko imelwe kukwenziwa ngezibophi eziqinisekisiweyo yiSouth African Bird Ringing Unit. (yiYunithi yeSibophi seeNtaka zaseAfrika).

Ikomiti yezeNzululwazi kuPhando lweAntartika ichaza ukuba iintini, iintaka zolwandle kunye neentaka zonxweme ezibuyiselwe kwimeko, nezibhadulayo, azingeke zibuyiselwe emva kwiziza zazo zokuzalela eziqhelekileyo, ngenxa yeengozi yokugqithiselwa kwezifo. Ukubuyiselwa kwimeko nokukhululwa kwentini, iintaka ezibhadulayo kunye neentaka zonxweme (ngaphakathi kwelizwekazi loMzantsi Afrika iEEZ) kuza kuvunyelwa, kuxhomekeke ekubeni zigcinwe ngokwahlukeneyo kwiintini zendawo, iintaka zolwandle kunye neentaka zonxweme zide ziqinisekise ukuba zisindile kwizifo ngugqirha wezilwanyana olungeleyo.

4.1.11. Ezinye iindlela zoNgcoliseko

Zonke iinzame zimele ukwenziwa ukunciphisa izoyikiso kwiintini, iintaka zolwandle neentaka zonxweme ezibangwe zezinye iindidi zongcoliseko ezinje ngokutya iiplastiki kunye nokuphingelwa ngamalaphu alahliweyo anje ngeplastiki okanye intambo yokubopha esetyenziswa ukothula iintlanzi ezinkulu (ituna) ezinqanaweni zokuloba. Unciphiso lwesoyikiso sokuphingelwa ngentambo yokubopha ituna kungaquka ukulawulwa kodidi kunye noyilo lokubopha okanye intambo esetyenziswayo okanye imeko yokususwa kwentambo. Ngokwemeko yemvume olu lungiselelo luza kugunyaziswa ngokungqongqo ngokuphathelele kwindawo ekulotywa kuyo.

4.2. Intsebenziswano kulawulo

Ukuqondwa kwendalo yokufuduka kweentaka ezininzi zolwandle kunye nezonxweme ezizalela kumhlaba woMzantsi Afrika, okanye zityelela amanzi oMzantsi Afrika, nokutshintshiselana kweentini neentaka zolwandle phakathi kwamabutho okuzalela ngaphakathi eMzantsi Afrika, naphakathi kwamabutho okuzalela eMzantsi Afrika, eNamibiya kunye naseAngola okanye phakathi kweziQithi ze-Prince Edward kunye nezinye iindawo ezingaPhantsi- kwe-Antartika, injongo yale polisi kukubonelela ngemithetho- siseko yolawulo olulungeleneyo lweentini, amabutho eentaka zolwandle kunye neentaka zonxweme ngaphakathi eMzantsi Afrika nolangazelelo lokusebenzisana kwesithili kunye nezizwe malunga nolawulo lweentini, iintaka zolwandle neentaka zonxweme ezizalela ngaphakathi okanye ezityelela amazantsi eAfrika neziQithi zePrince Edward.

4.2.1. Ubambiswano kulawulo lweeNtini zoMzantsi Afrika kunye namaButho eeNtaka zolwandle, kuquka naphezu kweziqithi

Ngokwemigaqo yemiThetho yoLawulo, iintini neentaka zolwandle bubutyebi baselwandle (obukhethwe kulondolozo lwendalo olukuLudwe lweeNkqubo 4) bungena ngaphakathi kokusebenza kobuchule bowiso -mthetho wesizwe. Ucaciso lukaMongameli ngeeNkcukacha 29 zomhla wesi-5 kuJulayi 1994 kwanika ulawulo *loMthetho woKhuseleko lweeNtaka zolwandle kunye neeNtini* (uMthetho No. 46 ka-1973) kuMphathiswa weMicimbi yezeMvelo nezokhenketho. Kungoko, iSebe linemfanelo yokumiswa kunye nokuphuhlisa kwepolisi malunga neentini neentaka zolwandle. UMphathiswa angathumela ulawulo lweendawo ezithile kweminye imida

kaRhulumente. nezinye iindawo. Kanti, iSebe lihlala lilufanele ulawulo lweentini, iintaka zolwandle kunye neentaka zonxweme kumgangatho wesizwe.

4.2.2. ULawulo lwesithili see-Ntini kunye neeNtaka zolwandle

Kukho intshukumo (zombini eyexesha elide kunye neyexesha elifutshane) yezinye zeentlobo phakathi kweMibuso yasemazantsi eAfrika. Yiloo nto ulondolozo luza kunyuswa zizivumelwano zesithili, ezinje ngophuhliso loyilo lwemvumelwano yengqiqo phakathi kolawulo lwesizwe kunye namaziko ophando, okanye ngokwemigaqo yeNgqungquthela yaseBonn (Bonn Convention).

4.3. UKUNGELA IXESHA ELIZAYO NOKUNGANQUNQELI EGOQWENI

4.3.1. UKhenketho lwezendalo kunye nokuDaleka koMsebenzi

Ukhenketho olusinga kumabutho eentini neentaka zolwandle lubonise ukukhula okubalaseleyo eMzantsi Afrika kwiminyaka yangoku. Ukuqondwa kokwanda komdla wezokhenketho oluya kumabutho entini, entaka yolwandle kunye nentaka yonxweme, nolangazelelo lophuhliso lwezoqoqosho eMzantsi Afrika, le polisi njengeny eeenjongo zayo ukugcinelwa, ukusetyenziswa okungenamsebenzi kwezi zilwanyana zendalo yezokhenketho, kuxhomekeke ukuba ukufikelela kumabutho nokunqandwa okanye ukulawulwa kophazamiseko lweentini kunye neentaka kumiswa ngendlela ngokwezibonelelo zale polisi. Malunga neentini, iintaka zolwandle neentaka zonxweme, ukugcinelwa ukusetyenziswa kwazo kuza kubekwa embindini womjikelo wezokhenketho okokuqala okungabangela amathuba okudala imisebenzi .Ngaphezu koko, ukumiswa kwamaqonga omgquba weentaka zolwandle kungacingelwa ekusetyenzisweni komgquba weentaka. Uphuhliso lorhwebo lomgquba weentaka kungenzeka nalo ludale imisebenzi emitsha.

4.3.2. Ukusebenzela ukunqunqela egoqweni nophela sonwabe

Ukuqokelelwa komgquba weentaka kumabutho okuzalela apho umgquba wenza inxenye efunekayo/ ezeleyo yomjikelo wendalo yeentaka zolwandle kunye nempumelelo yokuzalela kuthintelwe (uNombombiya, uMkholonjane). Ukanti, ukusetyenziselwa urhwebo umgquba, umz.

ngokwakhiwa kwamanqanaba okuzalela iintaka zolwandle, kungavunyelwa xa kucingwa ukuba akunakuba neempembelelo ezisisonakaliso kwiintlobo ekuxoxwa ngazo, yaye kuxhomekeke ukuba ukuhlelwa kwefuthe lobume bemeko yendawo kuyaqhutywa kwaye kubonisa ukuba umsebenzi onje awunakuba naziphumo eziyingozi kubume bemeko yendawo.

Ukubanjiswa kweentini, iintaka zolwandle kunye neentaka zonxweme ukwenza urhwebo ayikhuthazwa kodwa inokuvunyelwa phantsi kweemeko ezizodwa, kuxhomekeka kwipolisi equlathe konke malunga nokubanjiswa kwezilwanyana zasendle ukuze ukubonisa ukubanjwa. Ukubanjiswa kwezilwanyana ukwenza urhwebo kuza kuvunyelwa kuphela phantsi kwemvume kwiintini kuphela ezikwilizwe lonke ngaphandle kweziqithi, umz. eKleinsee, apho iimeko kunye nolawulo lokwenzeka kwezinto ezinje ngokubanjiswa kuza kulawulwa. Ukuqokelelwa kwangasese kweentaka zolwandle neemveliso zazo (umz. amaqanda) kukhona. Oku kuqokelela kwangasese kumele kubhaliswe kube noluhlu lwezinto ezicacisiweyo ukunqanda izongezo zomthetho. Ukuqokelela okufihlakeleyo kwemizekelo (specimen) zeentaka zolwandle kunye namaqanda kungagunyaziswa ngokwemvume, ukuvalela intengiso okanye urhwebo lwemizekelo ekhoyo kunye nokuthintela ukuqokelelwa kwelixa elizayo okungekuko oko kwamkelwe ngemvume, enikwa kwangaphambili.

4.4. UMYINGE WENANI ELIBANJIWEYO

Amanye amanani eentini kunye neentaka zolwandle ezingamabanjwa akhona eMzantsi Afrika, uninzi lwazo lunceda kwimfundo okanye kwimisebenzi yokuzondelela amalungelo abantu. Le polisi iyakuqonda ukubaluleka kweenkqubo zokuzalela okubanjweyo, kuquka iinjongo zolondolozo. Ukuze kulawulwe ukwanda kwamanani amabanjwa ezilwanyana, ukubanjwa kweentini neentaka zolwandle zibe ngamabanjwa kuza kuvunyelwa kuphela phantsi kwemvume. Amaziko okubamba aza kufuneka ukuqaphela imigangatho echaziweyo yamancedo kunye nenkathalo. Isicwangciso sokunika imvume siza kusebenza kwakhona ekuthutheni/ ekuthunyelweni kweentini, iintaka zolwandle kunye neentaka zonxweme kwamanye amazwe, angaphakathi eMzantsi Afrika.

4.5. UKONDLIWA KWEENTINI ZASENDLE

Ukondliwa kweentini zasendle kuthintelwe, kodwa ngeenjongo zophando okanye ukubuyiselwa kwesimo, kungaqhutywa phantsi kwemvume enemiba eyodwa. Ukondliwa kweentini zasendle kuthintelwe ngokubanzi njengoko iintini ziza kuziqhelisa ukuxhomekeka ekondliweni ngabantu yaye oku kungadala ingozi kuluntu jikelele.

4.6. UKUZIBANDAKANYA KOLUNTU JIKELELE

Uluntu lusoloko lunegalelo kakhulu kulondolozo lweentini, iintaka zolwandle neentaka zonxweme ngokuqokelela okanye luxele ezingcoliseke yi-oli, ezigulayo okanye abantu abalimeleyo, bachaze ilebhule kunye neenombolo zomsesane ezifunyenwe kwiintini neentaka zolwandle yaye bancedise ngexesha likaxakeka, umz. ukuzishenxisa endle zisiwe kwiziko lokubuyiselwa kwesimo sentini okanye intaka yolwandle leyo ingcoliswe yi-oli, okanye intini etsalwe yakhutshelwa ngaphandle yindalo okanye intaka ehlubayo / eyobuzayo ngokwendalo. Abasebenzi abazithandelayo benika uncedo bamele baqonde ngolwabo ukhuseleko njengoko iSebe akuzucingwa ukuba liza kuphendula ngazo naziphi na iilahleko ezenzekileyo.

4.7. UPHANDO NOKUGADA ULWAPHULO-MTHETHO

Lo mthetho uyasiqonda isidingo sophando esijolise ekongameleni iwonga leentini, iintaka zolwandle kunye neentaka zonxweme zoMzantsi Afrika. Uphando lumelwe luthathwe ukuqinisekisa ulawulo olunengqondo / olufanelekileyo kunye nolondolozo lwamanani eentini, iintaka zolwandle neentaka zonxweme, kunye nokugcinelwa ukusetyenziswa okungenamsebenzi kweentini, iintaka zolwandle neentaka zonxweme kunye neemveliso zazo.

4.8. ULAWULO LWENTSEBENZISWANO ENGALUNGANGA

Le polisi iyasiqonda isidingo solawulo lwentsebenziswano phakathi kweentaka zolwandle ezinokuphatheka kakubi okanye eziphantse ziphatheke kakubi kunye nezinye iintlobo (kuquka iintini nezinye iintaka) ezinokuba nefuthe kwiwonga lolondolozo lweentaka zolwandle ngobutshaba. Amangenelelo olawulo angaquka uphazamiseko, ukukhethwa, ushenxiso okanye ukumiswa kwenye indawo kwabaphangi, ngokusekelwe kwiindawo ezaziwa ngento ngokuphathelele

kwinzululwazi enokubonisa isiphumo esingalunganga somphangi / irhamncwa kumanani okanye impumelelo yokuzalela kweentaka zolwandle. Nokuba, amanyathelo ngenx' engaphambili omthetho siseko aza kwamkelwa aze, nokuba ukungabikho kwendawo eyaziwa ngento okuqinisekisiweyo, isigqibo sokuphazamisa, ukukhetha, ukushenxisa okanye ukumiswa kwenye indawo kodwa lungabizwa uncedo. Imisebenzi enjalo iza kulawulwa ngenyameko yonganyelwe kunye nomntu owongameleyo onje ngeKomiti yeMikhwa eseSikweni yeZilwanyana, (Animals Ethics Committee), ingaqaliswa ukongamela imisebenzi equka isigqibo sokuphazamisa, sokukhetha, sokushenxisa okanye ukumisa enye indawo

4.9. IZIVUMELWANO ZAMAZWE NGAMAZWE

UMzantsi Afrika usayine isigqibo kuninzi lwezivumelwano zamazwe ngamazwe lawo, ewonke okanye inxenye, azikhathaza ngolondolozo lweentini, iintaka zolwandle kunye neentaka zonxweme. Le polisi ithathela kuyo iimfuno zezivumelwano ezinje nge:

- Umnqophiso we-Antakthiki;
- Ingqungquthela yase-Afrika kuLondolozo lweNdalo kunye noButyebi beNdalo (Ingqungquthela yase-Algiers);
- Isivumelwano kuLondolozo lweEntaka zamanzi eziFudukayo zeAfrican- Eurasian (African- Eurasian Migratory Waterbirds (AEWA));
- Isivumelwano kuLondolozo lwamaNgaba-ngaba kunye neePetrels (ACAP);
- IKomishoni yoLondolozo loButyebi obuHlala eLwandle eAntakthiki (Antarctic Marine Living Resources (CCAMLR));
- Ingqungquthela yeBhayoloji eyahluka- hlukeneyo (Biological Diversity (CBD));
- Ingqungquthela eJongene noKhuseleko lweNkcubeko yeLizwe kunye neLifa leNdalo (World Cultural and Natural Heritage (World Heritage Convention));
- Ingqungquthela yoLondolozo lweEntini ze-Antakthiki;
- Ingqungquthela yoLondolozo lweEntlobo zeziLwanyana zaseNdle eziFudukayo (Migratory Species of Wild Animals (CMS okanye iNgqungquthela yaseBonn));
- Ingqungquthela yoLondolozo lweNtlanzi enkulu yaseLwandle iBluefin (Bluefin Tuna) (CCSBT);
- Ingqungquthela yeNtsebenziswano kuKhuseleko kunye noLawulo loLwandle noBume beMeko yoNxweme lweSithili saseNtshona kunye noMbindi we-Afrika (Ingqungquthela yase-Abidjan);

- Ingqungquthela yoRhwebo lweZizwe ngeZizwe kwiiNtlobo ezinokwenzakaliswa zeZilo zonke zasendle kunye neeNtyatyambo / izihluma (CITES Convention);
- Ingqungquthela yoKhuseleko, uLawulo kunye noPhuhliso loLwandle noBume beMeko yoNxweme lweSithili se-Afrika eseMpuma (Ingqungquthela yaseNairobi);
- Ingqungquthela kwiMihlaba eManzi yokubaluleka kweZizwe ngeZizwe, (Wetlands of International importance) ingakumbi nje ngeWaterfowl Habitat (Ingqungquthela yaseRamsar);
- Ikomishoni yeNtlanzi enkulu yoLwandle iTuna yoNxweme lweIndiya (IOTC);
- Isivumelwano seXesha eliphakathi ekuMisweni kweKomishoni yoMsinga weBenguela (Benguela Current Commission);
- Ikomishoni yamaZwe ngamazwe yokuLondolozwa kweNtlanzi ezinkulu zolwandle lwe-Atlantiki (Atlantic Tunas (ICCAT);
- Ingqungquthela yamaZwe ngamazwe yokuThintela uNgcoliseko oluvela kwiiNqanawa (MARPOL);
- Umbutho woShishino ngeNtlanzi waseMzantsi Mpuma ye-Atlantiki (East Atlantic Fisheries Organisation) (SEAFO);
- UMntu /iNdoda kunye neNkqubo yeBiosphere (MAB) yoMbutho weZizwe eziManyeneyo zeMfundo, yeNzululwazi kunye neMpucuko (UNESCO);
- Ukutya kwaMazwe aManyeneyo kunye noMbutho woLimo (FAO) imiThetho ecwangcisiweyo yokuziphatha yamaShishini eeNtlanzi afanelekileyo kunye neLinge lokuSebenza lokuNciphisa uBambiso olungenaMsebenzi lweNtaka zolwandle kwiiNdawo zokuLoba iLongline (FAO IPOA-Seabirds).

4.9.1. URhwebo/ uShishino lwamaZwe ngamaZwe

Malunga noshishino lwamazwe ngamazwe kwiintini ezinokwenzakaliswa, iintaka zolwandle, amalungiselelo eNgqungquthela kuShishino lwamaZwe ngamaZwe kwiiNtlobo ezinokwenzakaliswa zeZilo zonkhe zaseNdle kunye neeNtyatyambo zasendle (CITES) aza kusebenza. Iintlobo zeeNtini neeNtaka zolwandle ezidweliswe kwiCITES iSongezo 11 siquka, iCape Fur Seal, Sub-Antarctic Fur Seal, Antarctic Fur Seal, Southern Elephant Seal kunye noNombombiya wase-Afrika. Isongezo 11 sidwelisa iintlobo ekungeyomfuneko ukoyikiswa ngokuziphelisa kodwa kunganjalo ngaphandle kokuba ushishino lulawulwa ngokucacileyo. Ushishino lwamaZwe ngamazwe lwimizekelo yezi ntlobo ingagunyaziswa ngokunika iCITES

